



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2015

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P2**

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha angama-22.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiquqatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Imibongo	(35)
4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo ngamNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

ICANDELO A: INOVELI
Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA
Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

ICANDELO C: IDRAMA
Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

ICANDELO D: IMIBONGO
Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.
5. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukuzincedisa.
6. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo ngaliNYE ngononophelo.
7. Nombola iimpembelelo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	5–7	35
OKANYE			
2. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	8–10	35
OKANYE			
ICANDELO B: IDRAMA			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
3. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	11–14	35
OKANYE			
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE: Ndakuyicel'ivuthiwe			
Phendula yomiBINI imibuzo kweli Candelo.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
4.1 <i>Umhlahlo ngamehlo</i>	Umbuzo omfutshane	15–16	18
4.2 <i>“Ndakuy'icela Ivuthiwe”</i>	Umbuzo omfutshane	17–18	17
OKANYE			
ICANDELO D: IMIBONGO			
Phendula yomiBINI imibuzo kweli Candelo.			
5.1 <i>Ibhabhathane</i>	Umbuzo omfutshane	19–20	18
OKANYE			
5.2 <i>Inkonjane</i>	Umbuzo omfutshane	21–22	17

ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

	ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A	iNoveli (Kusa Kusihlwa, Umqol'uphandle)	1-2	1	
OKANYE				
B	Idrama (Ndiyekeni)	3	1	
OKANYE				
C	Amabali amafutshane (Umhlahlo ngamehlo, Ndakuyicela ivuthiwe)	4	1	
OKANYE				
D	IMIBONGO (Ibhabhathane, Inkonjane)	5	1	

QAPHELA: Qiniseka ukuba uphendula imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

UMBUZO 1**KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda ngocoselelo esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Yayingumgudu omkhulu ukwazisa izizalwana nezihlobo ngesi sehlo, kodwa owona mgudu uya kuhlala ubalasele kwabo babezenze idini lokubika, ngowokuphalaza olu daba kuMpumelelo noYolisa eKing Edward. Nangani le nto yayisenzeka bekho, bathi bakukhawuleziswa ukusiwa esibhedlele kungekabikho nto isisigxina icacileyo mayela nemeko yabo babesitsha, labakho noko ithemba lokuba basaphila.

Isikhalo nokugqokruleka emva kwesi sithwakumbe, kwanyanzeleka oogqirha nabongikazi ukuba benze omnye umsebenzi wokubhilabhila abo bafelweyo. Le nto yoku kuxelwa kolu daba kwaba babini, yaba yimpazamo kuba ngokwemithetho kagqirha eli yayingekabi lixesha lokuba bathethiswe kodwa ngelishwa ababiki basuka bathi ngqo kubo bengadibananga nomongikazi oyintloko owayenikwe le miyalelo.

Isingcwabo sabafi sabekelwa iCawa yeveki elandelayo eMlazi kuba kubonakele ukuba koba kude eLusikisiki kokwabo, kwaye uninzi lwabantu ababebazi aba bantu belulapha eThekwini. Enziwa onke amalungiselelo afanelekileyo nguThamsanqa encediswa zizizalwana zabo eziseNatala naseLusikisiki. Izithethi zonyulwa ngobuchule.

Imini yeCawa yayizole ngolona hlobo. libhasi neemoto zaziluthothotho ukusinga eMlazi ngale mini. Iinginginya zabantu zaqhaphuka kumacala ngamacala, kwizithili ngezithili ezinjengomaLusikisiki, Thekwini, Mgungundlovu, Lusuthu, Swazini nakumazwana aPheSheya kweNciba. Izihlobo nezizalwana zaziphume ngendlu.

- 1.1.1 Kumgca wokuqala kwesi sicutshulwa kuthethwa ngesi sehlo: Sesiphi esi sehlo kuthethwa ngaso? (1)
- 1.1.2 Le mpendulo uyinike kuMBUZO 1.1 yenzeke koobani? Nika abantu babe babini. (2)
- 1.1.3 UYolisa ekuthethwa ngaye wayezalana njani noMpumelelo? (1)
- 1.1.4 Isifanekisozwi “bathi ngqo” sinika yiphi intsingiselo? (1)
- 1.1.5 Samchaphazela njani uMpumelelo isehlo ekuthethwa ngaso kwisicutshulwa? (2)
- 1.1.6 Ucinga ukuba yintoni injongo yombhali ukusivezela uMpumelelo okhula ngaphandle kwabazali? (2)

- 1.1.7 Umxholo obonakalisa ukungalungi komona uphuhliswe njani ngumbhali ngokubhekisele kwisimo sikaNozililo? (2)
- 1.1.8 Bonisa ukuchaneka kwegama elithiywe uThamsanqa ngumbhali (2)
- 1.1.9 Isiganeko sokushiywa kukaMpumelelo esemncinci ngabazali sibe nafuthe lini ebomini bakhe? (2)
- 1.1.10 Ingaba umbhali usifundisa ntoni ngentsebenziswano ebiphakathi kukaYoliswa noThamsanqa, ngexesha uMpumelelo eshiywe ngabazali bakhe? (2)
- 1.1.11 Esi sihelegu sehlileyo siqhubekeka kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? (1)

ISICATSHULWA B

1.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Emva kokuba kwenziwe amatheko kaMpumelelo ndawo-nye nokunikwa intsikelelo kwivenkile yakhe, izinto zibonise inguqulelo. Ivenkile yathanda ukuba nabantu abaninzi ngokumangalisayo, izale lide litshone ilanga. Lento yenza ukuba uThamsanqa aqeshe abanye abantu bokuncedisa. Yayiqwela ukuzala ngempela-veki nangeeKrisimesi. Nalaa nto kwakuxambuliswa ngayo yaduka esithubeni kuba amagqwetha kaNozililo aminxwa kukulahleka kobungqina neencwadi zemvumelwano phakathi kukaSondlo noMosia. Kwaba nzima ngakumbi akungafumaneki uMosia. Zaba ezo mali zikaNozililo nomyeni wakhe ziyatshona.

Sigqibele nabo bevalelwe ngesityholo sokuncedisa nokuyila iyelenqe lokutshisa ivenkile kaMpumelelo. Athi akuba elugqibile amapolisa uphando, alifaka ityala. UNozililo wafuna igqwetha lokuba libathethelele. Ngenxa yokuba aba tsotsi babeqeqeshwe nguNozililo babeyimigulukudu eyaziwayo, kwaba nzima ukuba ingakholeleka inkcazo yabo. Negqwetha likaNozililo lavuthuza libonisa ukuba abantu abanesidima nabahloniphekileyo abanjengaba abanakuze bayenze into ephantsi olu hlobo nabantu abaziwa ngobugulukudu.

OoNozililo bayikhanyela into yokuba abevani nabantu bakwaNtsibande. Beza namangqina okubonisa ukuba babeziitshomi noNomakhwezi esaphila. Baba ngaloo ndlela bayaliphumelela ityala. Imigulukudu yashiyeka entolongweni idontsa iminyaka. Nakwesiya siganeko sokuhlatywa komntu emdanisweni kaMpumelelo, lakha lafuna ukumeyama ityala kodwa nalapho walibhebhehetha. Waba uyayishiya intolongo emva kokuvallelwa iinyanga ezintathu.

- 1.2.1 UThamsanqa lo kuthethwa ngaye kwesi sicutshulwa singentla, wayeyintoni kuMpumelelo? (1)
- 1.2.2 Ivenkile kaLungile yayikweyiphi idolophu? (1)

- 1.2.3 Yintoni edibanisa uSondlo noMosia evenkileni kaLungile? (1)
- 1.2.4 “Isikhuni sibuye nomkhwezeli”. Ngqina eli qhalo ngokuthi uchaze intsingiselo yalo ngokucaphula kwiziganeko ebalini. (2)
- 1.2.5 Chaza ukuba ingaba yintoni eyayibangela ukuba uNozililo atshise ivenkile kaLungile? (2)
- 1.2.6 Lithetha ntoni igama elikrelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicutshulwa singentla? (1)
- 1.2.7 Saba yintoni isiphelo sikaNozililo apha ebalini? (1)
- 1.2.8 Ukungaziphindizeli kukaMpumelelo kuNozililo kubonisa ntoni ngesimo sakhe? (2)
- 1.2.9 Imali ingunozala weengxaki ebomini boluntu: LULUVO okanye YINYANI. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.2.10 (a) Nika udidi lwempixano eyayiphakathi kukaNozililo noNomakhwezi. (1)
- (b) Ingaba le mpixano uyichaze ku(a) iliqhubele phambili njani ibali? (1)
- 1.2.11 Ukuba yayinguwe umantyi, ucinga ukuba imigulukudu ekuthethwa ngayo ebalini, ngowawuyigwebe njani? (2)

[35]**OKANYE**

UMBUZO 2**UMQOL'UPHANDLE – M.A.P. NGANI****ISICATSHULWA A**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kwakuphithizela izicaka, ezivathiswe ngempahla efanayo nefanelekileyo negcinwe icocekile. Zazikhangeleka zonwabile, zidlamkile, zisebenza ngenkuthalo nentekelelo kwabo bazindwendwe. Umnini shishini ke yena wayesisicagogo esibulawa ziisuthu mihla le, into esoloko itshitshiliza ngomrhubhe wemoto obengezelayo, yona isithele ngaphaya kweendondo zamehlo.

“Kambe ke uwunyusile umgangatho, Joe. Wenza njani na wena kuba ukhangeleka usemncinci?” Wawubeka loo mbuzo ngathi unento ayirhanelayo uHlobo.

“Undibuza into endibuzwa yona mihla le ngabantu endiqonda ukuba bamangalisiwe njengawe ... Ndingathi, Dick, ngumvuzo wokunyaniseka nokuthandwa ngabazali.

Ndandiyinci kubawo esaphila kodwa kwenzeka ukuba athi ekuswelekeni kwakhe, ashiye umyolelo wokuba zendingikwe esona sixa sikhulu kwilifa awasishiya nalo. Konke oku ukubonayo kukuhluma kwesam isabelo.”

“Ndiyavuya ukuva ukuba kanti akuzanga waqhekeza,” utsho ehleka uHlobo, ezenza oqhulayo kanti ke ngaphakathi wayenomkro.

“Owu hayi, Dick!” utsho ehleka nomnye: “Into eza ngondlela-mnyama andiyithandi.

Njengokuba ndilapha kule dolophu yaseMonti inezigigaba, andifuni kungena nakancinci kumaqumrhu angaqondakaliyo. Andikhathali nokuba ngasekwe ngokusemthethweni. Andikhathali nokuba akhangeleka enenzuzo yemali. Iqumrhu labantu beengqondo ngeengqondo andilingene. Ndikholwa kukuziphilela ngokubila kwebunzi lam. “Mhlawumbi utsho kuba sewuphumelele kade, nempumelelo yakho isekwe entweni.”

- 2.1.1 UHlobo uncokola nabani kwesi sicutshulwa singentla? (1)
- 2.1.2 Babencokola bekweyiphi indawo? (1)
- 2.1.3 Uyintoni umsebenzi womntu oncokola noHlobo kwisicutshulwa esingentla? (1)
- 2.1.4 Kwakutheni uHlobo aze acinge ngokuza kwesi sithethi athetha naso? (2)
- 2.1.5 Imfano-zandi esetyenziswe ngumbhali kumgca wesibini kwisicutshulwa ibonisa wuphi umfanekiso-ntelekelelo ngeshishini likaJoe? (2)
- 2.1.6 Isithethi esithetha noDick kumhlathi wokugqibela sithetha ngamaqumrhu angaqondakaliyo. Leliphi eli qumrhu, siligxeka ngokuba litheni? (2)

- 2.1.7 “Ukuba ubungeyo ndoda, loo ngongoma yakho ngeyisekhosi” La mazwi ayebhekiswa kuHlobo, athetha ukuthini? (2)
- 2.1.8 Ingaba igama elinikwe uJoe Bumba ngumbhali limfanele? Cacisa. (2)
- 2.1.9 UHlobo wafumana bungqina buni kulo mlinganiswa wayencokola naye? (2)
- 2.1.10 Ezi zithethi zibini kwintetho yazo zaye zathetha ‘ngoNongqawuse’. Cacisa ukuba wazi ntoni ngoNongqawuse? (2)
- 2.1.11 Igama lendawo eyayibonisa imifanekiso bhanyabhanya nalapho abantu babezonwabisa khona yi ... Gqibezela ngokufakela igama elichanekileyo. (1)

ISICATSHULWA B

2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Kodwa ke kuyo yonke le nto aningekholwa xa ndisithi zonke ezi zihlobo zikaEddie namhlanje zibekwa ityala lokubulala uEddie Maga lowo kunye noLulama Zuma.”

Kuqale kwatsho isikhalo sikaThembisa, engenelela amadoda amphahlileyo, engqokuleka ngezibi zona izingqala. Wona amapolisa akhuza akalibala. Indlela ayemjonge ngayo uHlobo yayicacisa ukuba akakholelwa ncam yinto ayithethayo. Kodwa athi akumjonga lo soka-dala womcuphi, afika kumntu ongavelisanga nelinye izinyo. Wayezulazula endlwini elinde ukudamba kwaloo ngxolo yezikhalo zaba banjiweyo. Kwathi zekucace emapoliseni ukuba ngokwenene akaqhuli uHlobo, afunda ulusu lwabo babetyholwa. Babebibitheka, abanye bemhunyahmnyheka bejonge phantsi.

Uthe uHlobo akuqonda ukuba zithothile izikhalo nomothuko, wabhekisa kumabanjwa akhe: “Phikani ukuba niyatyholwa!!”
Cwaka.

UHlobo uthe guququ kumapolisa angooxaxa bakhe ngelithi, “Mhlawumbi nina bantu bangazinto niya kuthi zenikholelwe kweli phupha ndililawulayo, nive into ethethwa kulo mshini ndiwuphetheyo.”

Utsho equbula laa tape *recorder*. Uyichukumise apha naphaya, wabuya wathi, “Phulaphulani ke.”

Cwaka endlwini.

“Linda sithandwa sam,” uqalile ukuthetha umshini: “Ngu-Eddie lo uthethayo. Ndifuna ukukuxelela ukuba komnye wemisonto yale tape recorder kukho incoko eyayiphakathi kwam nezihlobo zam zase*Moonglow*-

- 2.2.1 Ezi zihlobo kuthethwa ngazo apha ngasentla zazisazana phi noEddie? (1)
- 2.2.2 Njengokuba uEddie sekusithiwa ngumfi, kwenzeke ntoni? (1)

- 2.2.3 Phambi kokuba kufumaneke ababulali abakwiscatshulwa kwakurhanelwa bani? (1)
- 2.2.4 “Kugale kwatsho isikhalo sikaThembisa, engenelela amadoda amphahlileyo” Yintoni eyayibangela ukuba uThembisa asitsho esofelweyo? (2)
- 2.2.5 Chonga amazwi kwiscatshulwa athetha ngemo yomtshato kuHlobo. (2)
- 2.2.6 Nika igama lomntu ekuthiwa wangena ezihlangwini zikaEddie. (1)
- 2.2.7 (a) Xela udidi lwempixano eyayiphakathi kukaEddie namalungu aseMoonglow. (1)
- (b) Le mpixano uyixele ku(a) ibenafuthe lini apha ebalini? (1)
- 2.2.8 Chaza umxholo wencoko kaEddie noThembisa owafumaneka kumshini wokushicilela. (2)
- 2.2.9 Inxaxheba kaThembisa apha encwadini ibaveza njani abantu abangomama? (2)
- 2.2.10 Ukuvela kobungqina kumashini kube nefuthe elinjani apha kubalinganiswa beli bali? (2)
- 2.2.11 Obu bungqina buvela kulo mashini kubonakalisa eliphi inqanaba apha ebalini? (1)

[35]**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo osetwe kwidrama.

UMBUZO 3**NDIYEKENI – D.M. JONGILANGA****ISICATSHULWA A**

3.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo engezantsi.

Maziko:	Kamnandi.
Madala:	Heke titshala. Seluzithabathela isitulo eso, akukho bantwana apha. Isaphila inkosi yakho?
Maziko:	Iyaphila ingaphili noko.
Madala:	Uthini na mfo kaMaziko?
Maziko:	Ndikuxelela inyaniso. Akusekho mntu tu. Ndilapha nje yiloo nto kanye.
Madala:	Eyiphi mfo wam?
Maziko:	Awu! Wenzani kaloku bawo? Ndithi ndisandlala umcimbi wathanda ukundinqophela?
Madala:	Hayi mfo wam andinqopheli, ndingagabangxi, into kunayo ngekuba ndithi zalela elubala.
Maziko:	Sekumasuku bawo ndihambela lo mcimbi kweli khaya.
Madala:	Owuphi kanene? Makhe sikhumbuzane kuba zininzi, zaye azilali mbethe.
Maziko:	Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. Phofu nditsho kuba inguwe. Lo mfo wayeka ukusebenza, yonke into isemagxeni kum. Ndingxamele ukusinda-sindana kungoku nje.
Madala:	Ke lilonke uthi mandithini?
Maziko:	Mboneleni icebo uLoni. Andinakwenza umdovu womsebenzi ndingamkeli ngawo.
Madala:	Ucebisa ukuba senze ntoni ke wena titshala?
Maziko:	<u>Awu! Uya kuthini kaloku bawo ukuzenza ibhenga ulizingela.</u> Ndize kukuvusa njengelungu lekomiti, nalungu lekomiti usihlalo.
Madala:	Kaloku titshala kufuneka xa undulula umcimbi uqiniseke ngawo. Andimntu uthanda ukubamba intulo ngomsila.
Maziko:	Uthetha ukuba animboni ukuba uLoni utshila ngesidanga sikaNdila? Iziphumo zizibi nje le minyaka mithathu, nithi zibangwa yintoni?

Madala: Ewe zinjalo zonke ezi zinto uzithethayo kodwa ke besilindele intloze singazi nokuba siya kufumana bani na endaweni yakhe.

- 3.1.1 Zazithetha ziphi ezi zithethi zikwesi sicutshulwa singentla? (1)
- 3.1.2 Nika igama lesikolo ewayephangela kuso uMaziko? (1)
- 3.1.3 UMaziko wayehambele ntoni kuMadala? (1)
- 3.1.4 Phakathi koNdila noMaziko ngowuphi obangele impixano apha ebalini? Xhasa impendulo yakho ngemizekelo ucaphula ebalini. (2)
- 3.1.5 (a) Umbhali usebenzise esiphi isafobe kwintetho kaMaziko ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)
- (b) Nika intsingiselo yesafobe osixele ku (a). (1)
- 3.1.6 Indima edlalwe nguMadala apha ebalini imveza njengomntu onjani? (2)
- 3.1.7 UMaziko noMadala ngamaphuth' ahlathinye. Ngqina esi saci ucaphula kokuthe kwenzeka encwadini. (2)
- 3.1.8 Yintoni le yenziwe nguLoni ebangela ukuba athi uMaziko 'uchitha isikolo'? (1)
- 3.1.9 Ilimilo yabafundisi ntsapho ngezikhundla ezikolweni ilichaphazela njani ikamva labafundi? (2)
- 3.1.10 Ukufakwa komthetho wokubandakanywa kwabazali kulawulo lwezikolo kwabangela ukwehla komgangatho wezikolo. YINYANI okanye LULUVO. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 3.1.11 Umntu osondele kuwe nguyena unobungozi!. Ngqina le ngcamango ucaphula kokuthe kwenzeka ebalini. (2)

ISICATSHULWA B

3.2 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ndila:	Kwekhu! Ndifike kamnandi Funie girl neh? (Atsho ahlale phantsi)
Funeka:	Asazi ke bhuti Dicksie, sova ngawe, hleze uthi kanti uza kutshatisa iLawukazi.
Ndila:	Watsho mfondini, nihleli apha nenene lodumo lwale ngingqi. (Atsho esalatha uLoni)
Loni:	Kanti ke, noko zisaqhwaya, andikafikeleli kummango wezikhova.
Funeka:	Tyhu bethu! Yintoni embi kule nto ithethwa nguDicksie? Ukuba ummithi, yitsho siphendule leyo.
Ndila:	Hayi noko ntozakuthi ndiyaqhula.
Zanele:	Akukho nto ibitheni kakade, (inja ebe amaqanda izidiza ngokuyebeyebeza.)
Loni:	Bendingazi ukuba uthando kanti sihleli nje lukhokho lobutshijolo notshaba.
Funeka:	Ubuncwane bobomi zizothuso eziza nantylelo zimbi.
Loni:	Ndiyabona ndiqonda kakuhle ukuba iinyosi azinabudlelwane neempukane. (Atsho ephakama).
Ndila:	Hayi mfo kaLoni sukugqiba ukuthetha unge uyayolela, <u>makhe sihlinze le nkabi.</u> (Atsho ebeka umngxu phezu kwetafile)
Funeka:	Zanele, yiza nezitya sana ubeke phambi koDicksie.
Ndila:	Hambisa mtshana. (athabathe, uZanele ahambise kuselwe)
Ndila:	Ndicinga ukuba ngoku imizimba iswabulukile, kuba siphethe ezesibini iibhekile.
Loni:	Hayi mfo kaNdila uyibethe yee shwaka nengcalangcala.
Ndila:	Ndiyavuya ukuba elo lizwi liphume kuwe mfo kaLoni. Wakha wathi mhlamnene utywala ziingcambu zomthombe.
Loni:	(Ebothuka) Ihasa alichukunyiswa, hleze ivumba lalo lonakalise umbuso.
Funeka:	Awuzi konakala, wonakalayo, ibe andazi nanto osafuna yona apha kudala sisithi canda umoya uxele utolo lwabaThwa.

3.2.1 Yayingubani igama lomhlobokazi kaFuneka? (1)

3.2.2 Lo mlinganiswa umchaze ngentla kuMBUZO 3.2.1 wayedityaniswa yintoni noNdila? (1)

- 3.2.3 Wawuyintoni umsebenzi kaNdila? (1)
- 3.2.4 Ezi zithethi zincokola apha, zazibekwa yintoni kule ndawo zazikuyo? (1)
- 3.2.5 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 3.2.6 Ngubani owafika ngorhatya kule ndawo ezi zithethi zazikuyo? (1)
- 3.2.7 Indibano kaNdila noFuneka iye yeza neziphumo ezinjani apha ebalini? (2)
- 3.2.8 Kutheni le nto uMawonga sele ebonwa njengempukane nje kwezi ndibano zabo? (2)
- 3.2.9 Nika iqhalo/isaci esihambelana nebinzana elibhalwe ngqindilili, kule ntetho ikwiscatshulwa. (2)
- 3.2.10 Ingaba ubutywala buvezwe njani apha ebalini? (2)
- 3.2.11 (a) Imo kaMawonga Loni ngokwalapha kwiscatshulwa ibonisa eliphi inqanaba lesakhiwo sebali? (1)
- (b) Isiganeko esidalwe yimo oyichaze ku(a) sibe nafuthe lini apha ebalini? (1)

[35]**AMANQAKU ECANDELO B: 35****OKANYE**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzwana esetwe kumabalana omaBINI.

UMBUZO 4

NDAKUYICELA IVUTHIWE – L.L. NGEWU no E.Z. GUQA

UMHLAHLA NGAMEHLO: L.L. NGEWU

ISICATSHULWA A

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Inkundla ibigcwele kungekho nendawo yokunyathela. Ummangali ebefutha ngumsindo, equmbe esisifu kangangokuba ukuba ebelizulu abanye abantu ngebesithi usibekele, bambi bathi uhlo mile. Ummangali lo ebeyintwazana emalunga neshumi elinethoba leminyaka ubudala. Ubenxibe ibhulukhwe ehobe kanti nebhatyi ibikwanjalo. linwele zakhe bezandisiwe ngeenwele zemboleko zaza zaphothwa ngobuchule ngumntu ekubonakala ukuba uphila ngokuphazamisana neenwele zendalo. linzipho zakhe bezinde zibonakala ukuba zilondolozwe ngocoselelo. Ubemde umntwan'omntu kangangokuba kurhaneleka ukuba nakuba ubude bungaphangwa nje, yena zange azibambe koko wabuphanga ubude obu. Nakuba ebeceliwe nje ukuba ahlale phantsi ukwenze oko okwexeshana nje waphakama wema ngeenyawo ngathi uyadlisela.

Kwelinye icala lenkundla bekuhleli ummangalelwa, uZolani unyana kaNozolile umfazi wakwaNozulu. Umfo lo ubemalunga neminyaka engamashumi amabini anesithathu. Ubehleli kwisitulo ebesilungiselelwe yena buqu ezolile engashukumi nokushukuma ngokungathi ngumfanekiso oqingqiweyo. Abantu bedla ngokuheshela kude iimpukane ezibaphazamisayo nje, le ndedeba yona ibingazidubi koko iziyeka ezoo mpukane zizidakasele kobo buso bayo bumpuluswa zimke ngokudikwa. Apha esidleleni sasekhohlo uZolani ebenesiva ebesimdiza ukuba wakha wadibana nokuthungwa ngugqirha. Apha ngezantsi kwekhosi ubenento enokwaziwa ngokuba yingongoma okanye liduma ngumntu ongamaziyo kodwa omaziyo ebenokuthi lilifa.

- 4.1.1 Kule nkundla kuthiwa yayigcwele, kwakuxoxwa ityala lantoni? (1)
- 4.1.2 Yayingubani igama lomangali kwesi sicutshulwa singentla? (1)
- 4.1.3 Ngubani igama lomtshutshisi owayechophele eli tyala? (1)
- 4.1.4 Ummangali kunye nommangalelwa babenezinto ababefana ngazo. Zinto zini ezo. Nika zibe MBINI. (2)
- 4.1.5 Chonga ibinzana kwisicutshulwa elibonakalisa ukuba ummangalelwa wayelilandele igama lakhe. (1)
- 4.1.6 Isifaniso esikrwelelwe umgca ngaphantsi sinika owuphi umfanekiso ntelekelelo. Cacisa. (2)

- 4.1.7 Isigwebo sikamantyi kweli tyala saba nefuthe elibi kummangali: Xhasa olu luvo ngemizekelo oyikhupha ebalini. (2)
- 4.1.8 Sesiphi isini sabantu esithanda ukubanjelwa ityala elalixoxwa kwisicatshulwa? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 4.1.9 Thelekisa uNompoxeko kunye noNonkanyezi malunga nendlela athe umbhali wabaveza ngayo apha ebalini. (2)
- 4.1.10 Ukusetyenziswa kwamayeza esiXhosa xa umntu enetyala, kunceda umntu aphume etshaya etyaleni. YINYANI okanye BUBUXOKI. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.11 Ingaba ithini imfundiso kweli bali? (2)

ISICATSHULWA B**NDAKUYICELA IVUTHIWE – E.Z. GUQA**

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Esi sibini sivuzwe ngomntwana oyinkwenkwe othiywe igama lokuba nguMakwenzeke. Into emothusileyo uNozukile kukufumanisa ukuba uninazala ukroba qho emphandeni. Akabanga nako ukuyinyamezela into yokuphula-phula imbudede yomntu ozivelela etywaleni. Eyona into ibimqgiba ngamagwijo kaninazala ebevakala esekude ukuba uyeza. Kuye kwacaca ukuba esi sibini asinakuhlalisana kakuhle. UNozukile ucinge ukuba aphindele esikolweni ukuya kufunda ecinga ngokwenza njalo uninazala uza kujongana nekhaya.

Intokazi ilahlele kude impahla zobufazi yangena kwimpahla zesikolo. Ukhuze wancama uMavumisa koko wabe umntwana waseThekwini enze isigqibo sokuba akanakubuya mva. Uthe chu esikolweni ehamba noMnyamezeli. UMavumisa ukhe wayithi thsuphe le nyewe kumadoda akwaNdlambe. Asabele amadoda eze kuziqondela. Afike aqobisa, engxolisa uNozukile, emxelela ngozuko lomfazi ukuba lukwisinxibo sakhe. Umfazi waseThekwini akaqheliselanga nokuqhelisela, ebaxelela ukuba akathengelwa mpahla ngabo. UNgabuni ukhe wathembisa ngenduku, koko le ntokazi yamxelela ukuba angaba ugqibelisile ebomini bakhe ukubetha umntu. Amadoda anikine iintloko eyiqonda ukuba le into ayingangawo. Umluleki utsholo phantsi esithi, “Ndandikhe ndayitsho ke le nto.” Emke ngale mini amadoda akwaNdlambe edikwe yeyokosa evuthiweyo engayidlanga.

- 4.2.1 Sesiphi esi sibini kuthethwa ngaso apha ebalini? (2)
- 4.2.2 Nika igama likamama wesi sibini kuthethwa ngaso apha. (1)
- 4.2.3 Loluphi udidi lwesafobe olusetyenziswe kumqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)
- 4.2.4 Chaza into ibe NYE eyenziwa ngunyana kaMavumisa, engazange iwaxolise amaNdlambe? (2)
- 4.2.5 Chonga ibinzana kwisicutshulwa elichaza ukuba umamazala kaNozukile wayezithanda iinyembezi zikaVitoliya. (1)
- 4.2.6 (a) Xela udidi lwempixano eyayiphakathi koNozukile naMandlambe. (1)
- (b) Sabayintoni isiphumo sale mpixano uyichaze ku(a)? (2)
- 4.2.7 Umyeni kaNozukile wenza ntoni akuqaphela ukuba uxakene nomfazi wakhe? (2)
- 4.2.8 Saba yintoni isiphumo sale mpendulo uyichaze kuMBUZO 4.2.7? (2)

4.2.9 Ukungabi nomyeni kukamazala kaNozokile kubange iingxaki ekukhuleni kwabantwana bakhe. EWE okanye HAYI. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.10 “Ndandikhe ndayithetha ke le nto” La mazwi abonakalisa eliphi inqanaba apha encwadini? (1)

[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

OKANYE

ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

VUKANI MADODA – A. STEMELE**UMBUZO 5.1 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IBHABHATHANE: L.S. NGCANGATHA

1. Nal'ibhabhathane libhabha-bhabha.
2. Sisinambuzan'esithand'ukudl'amacwaka.
3. Intaka ziyatsholoza, iinyenzane zenz'inzwini,
4. Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa.
5. Phofu loo nto ayalathi kudakumba;
6. Nditsho kuba naku lindanda ngodlamko.
7. Phakathi kwezityalo liman'ukuhola-hola.
8. Amathafa namagcume ziindawo zalo.
9. Obu buhle busisigubungelo somphefumlo wam.
10. Ngumahlal'ehleli ombejezelayo owanez'umxhelo.
11. Abukhathalele busika, neqabak'incamile.
12. Intyatyambo zoyisiwe, wen'uzigqwesile.
13. Nekhiwane lisadalele, alinakucel'umngeni,
14. Kuba obalo bon'ubuhle bunempethu.

- 5.1.1 Nika udidi lwesafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wokuqala. (1)
- 5.1.2 Chonga umqolo ochaza ukuba ibhabhathane alinangxolo. (1)
- 5.1.3 Ibhabhathane sisilwanyana okanye sisinambuzane? Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo. (1)
- 5.1.4 Umbhali uthi 'Intaka ziyatsholoza'. Yintoni enye oyaziyo etsholozayo? (1)
- 5.1.5 (a) Xela ukuba sesiphi isafobe esifumaneka kumgca we-5 kunye nowe-6. (1)
- (b) Sicacisa ntoni ngebhabhathane esi safobe usixele ku(a)? (1)
- 5.1.6 Ibhabhathane lithanda ukuhlala kwindawo ezinjani? Nika zibe MBINI. (2)
- 5.1.7 Nika iqhalo elithetha into enye neli: Ubuhle bekhiwane zimpethwana. (1)
- 5.1.8 Imbongi isebenzise awaphi amazwi ukuncoma ubuhle bebhabhathane? (2)

- 5.1.9 Ibhathathane liqala libe yintoni phambi kokuba libe libhathathane? (1)
- 5.1.10 Imiqolo esibhozo yokuqala yalo mbongo yahluka njani kwimiqolo emithandathu yokugqibela? (2)
- 5.1.11 Chaza okuthethwa yimiqolo emine yokugqibela kulo mbongo. (2)
- 5.1.12 Ungawubalela koluphi udidi lwemibongo lo mbongo? (1)
- 5.1.13 Ingaba liluncedo njani ibhathathane eluntwini? (1)

UMBUZO 5.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lombongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

INKONJANE: V.V. SIGONYA

1. Ndayibon'indand'ipheph'okwengelosi.
2. Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
3. Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
4. Ngumoy'ongephi zityhil'ubumbeje-mbeje.
5. Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
6. Ndafihl'izikhwazo ndisoyik'uluntu.
7. Yandimemez'ibikudaba,
8. Yavakal'intlontl'ingqayi'ubomi bam.
9. Wavakal'umoya wentumekelelo.
10. Zagungq'iingcango zentliziyo.
11. Lwabeth'uvalo lundityel'uba yeyam.
12. Umoya wembala nawo wandingqinela.
13. Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
14. Ndafik'iyimfezek'ingqibelelo.
15. Yayizotywe ngenene ngemini yehlobo.
16. Yabuthabatha bonk'ubume bam.
17. Ndalama ndakondela eso sihlwitha
18. Ndadandatheka ndakubon'eso sifuba.
19. Ndawubon'umandlalo wenzala yam umtyinga-ntyigana.
20. Isisila sona sixhentsa mva.
21. Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
22. Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
23. Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen'oluntu.
24. Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;.
25. Ngomphefumlo ndingaboni mntu.
26. Manqina manina la andicof'umphefumlo?
27. Nzipho zini na ezi zindikrwemp'ulonwabo?
28. Ncumo luni na olu lukuwe ntaka ndini?
29. Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?
30. Ntaka ndini yezulu;
31. Ngeba wena uyinzulu;
32. Ngoba wena unyulu.

- 5.2.1 Inkonjane ungayibalela koluphi udidi kwezi zingezantsi?
Khetha ibe NYE echanekileyo.
- (a) Sisinambuzane
(b) Yintaka
(c) Sisilwanyana (1)
- 5.2.2 Chaza ulwakheko lwangaphandle lwesitanga soku-1. (2)
- 5.2.3 Chonga umqolo obonakalisa ukuba inkonjane yayintle. (1)
- 5.2.4 Ingaba siqulathe eyiphi ingcamango isitanga sesibini? (2)
- 5.2.5 Inkonjane ithanda ukufumaneka kwiindawo ezinjani? (1)
- 5.2.6 Loluphi udidi lwempixano elifumaneka kwisitanga sesi-6? (1)
- 5.2.7 Nika udidi lwesafobe esifumaneka kumqolo weshumi elinesithathu. (1)
- 5.2.8 Umbhali xa ethetha usoloko esebenzisa isivumelanisi sodidi lokuqala esingu-Nda. Nika isizathu soko. (1)
- 5.2.9 Umqolo we-13 kunye nowe-17 unika wuphi umfanekiso-ntekelelo? (1)
- 5.2.10 Ithini intsingiselo efihlakeleyo yalo mbongo? (2)
- 5.2.11 Umbhali uthi ngeli xesha abona le nkonjane wayeyedwa. NGQINA le ngcamango ngokuthi ucaphule impendulo embongweni. (2)
- 5.2.12 Ngawaphi amazwi asetyenziswa ngumbhali achaza ukuba inkonjane ayinasono? Nika iimpendulo zibeMBINI. (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70

